**ISihlomelo A**
**IZikhokelo zokuziswa kweencwadi zokusebenza zamaBanga R–9 zeSebe leMfundo esiSiseko (i*DBE*) zonyaka wokufunda u2027**

1. Ezi zikhokelo zilandelayo ziya kunceda izikolo ezifumana nezirekhoda ukuziswa kommbumbutho 1 weencwadi zokusebenza **kwiKota 1 no2 ka2027**.

2. Izikolo kufuneka zilandele kwale nkqubo inye xa ummbumbutho wesibini we*DBE* **kaKota 3 no4 ka2027** ufikile.

3. **Ngaphambi kokuziswa**

3.1 Inqununu kufuneka ichonge umsebenzi onesikhundla esiphezulu kunye neqela labancedisi ukuba bamisele ezi zikhokelo.

3.2 Umsebenzi lowo ukwisikhundla esiphezulu kufuneka aziqhelanise nomongo wale ngcaciso imfutshane ilandelayo.

3.3 Kufuneka bafikelele kwiwebhusayithi yeSebe leMfundo leNtshona Koloni (i*WCED*) (https://www.westerncape.gov.za/education/learning-and-teaching-support-material-ltsm) ze bagcwalise la manyathelo alandelayo:
   (a) Yehla ze ucofe ku*2027 WC Workbook Delivery Schedule*.
   (b) Kule shedyuli yokuziswa kweencwadi zokusebenzan, izikolo zidweliswe ngokokulandelelana koonobumba. Fumana isikolo esichaphazelekayo ze uqonde ezi kholam zilandelayo: *Subject*, *Language*, *Grade*, *ISBN*, *Year*, *Quantity* kunye ne*Delivery date*.
   (c) Printa kuphela ikhasi eliqulethe iinkcukacha zesikolo. Kungenjalo, bhala phantsi ezo nkcukacha zesikolo eso. Nceda ke uqonde ukuba amanani eencwadi zokusebenza ayesekelwe kumanani abafundi ayenikezelwe yi*WCED* kwi*DBE* ngokwemigaqo yeengqikelelo zika*CEMIS* zenyanga kaTshazimpuzi ka2026.
   (d) Isikolo kufuneka sifumanise ukuba inkampani esebenza ne*DBE* izisa inani elichanekileyo leencwadi zokusebenza kwanangolwimi njengoko kutshiwo kwishedyuli yokuziswa kwazo.

3.4 Sebenzisa isikhokelo sokurekhoda ezi ncwadi zokusebenza (**iSihlomelo B**) ukuze ugcwalise irowu *YENANI ELILINDELEKILEYO*. Amanani aya esikolweni achazwa kwi*2027 Workbook*

*Delivery Schedule* zaseNtshona Koloni yaye avakalisa inani leencwadi zokusebenza ekulindeleke ukuba inkampani ye*DBE* lilizise.

3.5 Qinisekisa ykuba bakho abasebenzi abaneleyo ukuze bancedise ekujongeni nasekubaleni iincwadi zokusebenza xa inkampani esebenzisana ne*DBE* ifika ngomhla obumiselwe.

3.6 Fumanisa indawo ezokwethulelwa kuyo ezi ncwadi zokusebenza ze zibekwe ngendlela evumela ukuba zijongwe zibalwe ngokulula.

3.7 Umntu ekuqhakamshelwana naye esikolweni apho, angalindela umnxeba kummeli wenkampani esebenzisana ne*DBE* ngenjongoyokuqinisekisa umhla nexesha lokuziswa kwazo.

3.8 Thatha isigqibo kwantlandlolo ngendawo eziya kugcinwa kuyo iincwad izokusebenza kwanendlela eziya kuhlaliswa ngayo, umz. ngokwesihloko, ibanga okanye ngokolwimi.

4. **Inkqubo ngosuku lokuziswa kwazo**

4.1 Abantu abatyunjelwe ukuncedisa ukujonga nokubala ezi ncwadi zokusebenza kufuneka babekho xa zifikayo.

4.2 Nceda ke uqonde ukuba ezi ncwadi zokusebenza ziya kufakwa iikhowudi zemibala ngokolwimi, umz. isiNgesi (nguluhlaza okwesibhakabhaka), iAfrikansi (ngubomvu), isiXhosa (ngumthubi) ze isiSuthu (nguluhlaza). Iincwadi zokusebenza zesiNgesi esiluLwimi loKuqala oLongezelelweyo zamaBanga 1–6 zingothotho lwemibala kumabanga ngokubanzi.

4.3 Gcina isikhokelo sokurekhodwa kweencwadi zokusebenza (**iSihlomelo B**), namanani alindelekileyo eencwadi zokusebenza agcwaliswe Kakade, efumaneka ngexesha lokuziswa kwazo (bona umhlathi 3.4 ngentlaa apha).

4.4 Xa inkampani esebenzisana ne*DBE* ifika, thelekisa ubungqina bokuziswa kwazo obunikezelwe ngumqhubi neenkcukacha ezikwishedyuli yokuziswa kweencwadi zokusebenza kwakunye nesikhokelo sokurekhodwa kweencwadi zzokusebenza (bona imihlathi 3.3(c) no3.4).

4.5 Yothulela iincwadi zokusebenza ezo kwindawo ebikhethelwe ukuzigcina kuyo (bona umhlathi 3.6) ukuze zijongwe ze zibalwe ngokuthelekiswa nobungqina bokuziswa kwazo.

4.6 Ngelixa kusabalwa iincwadi zokusebenza, omnye umntu kufuneka arekhode inani elifunyenweyo kwisikhokelo sokurekhodwa kweencwadi zokusebenza (**iSihlomelo B**). Ezi nkcukacha mazirekhodwe kwirowu *YENANI ELIFUMANEKILEYO* ngesifundo, ibanga kunye nolwimi.

4.7 Ukuba inani leencwadi zokusebenza ezizisiweyo lingezantsi kunenani ebelichazwe kubungqina bokuziswa kwazo, kurekhode oko kubungqina bokuziswa kwazo. Rekhoda naziphi na ezinye iinkcukacha kwikholam yokugqibela yobungqina bokuziswa kwazo.

4.8 Yakuqukunjelwa inkqubo yokubala, inqununu okanye umsebenzi okwisikhundla esiphezulu onikwe olo xanduva kufuneka agcwalise ze atyikitye amacandelo achaphazelekayo ezantsi kubungqina bokuziswa kwazo ze afake istampu sesikolo apho. Ukuba isikolo eso asinaso istampu sesikolo, inqununu okanye lo msebenzi ukwisikhundla esiphezulu uthunyiweyo kufuneka akutsho oku ngembalelwano ze anikezele nezizathu.

4.9 Buyisa ubungqina obuyintsusa bokuziswa kwozo butyikityiwe ze bafakwa istampu kumqhubi ze ugcine ikopi esikolweni apho.

5. **Iintsilelo neentsalela**

5.1 Thelekisa inani leencwadi zokusebenza ezifumanekileyo, njengoko zirekhodiwe kwisikhokelo sokurekhodwa kweencwadi zokusebenza emva kokufika kwazo (bona umhlathi 4.6), namanani abafundi aqikelelweyo esikolweni apho ukuya kuthi ga ngoJanuwari ka2027.

5.2 Umzekelo:

(a) Isikolo sifumana iincwadi ezingama400 zesiNgesi esiluLwimi lwaseKhaya kwiBanga 2 kodwa lilindele ama425 abafundi besiNgesi esiluLwimi lwaseKhaya kwiBanga 2 kuJanuwari ka2027. Oku ke kuthetha ukuba isikolo eso sijongene nentsilelo efikelela kuma25 eencwadi zokusebenza.

(b) Rekhoda inani elingama25 kwirowu yeeNTSILELO phantsi kwesiNgesi esiluLwimi lwaseKhaya kwiBanga 2 kwisikhokelo sokurekhodwa kweencwadi zokusebenza.

(c) Ukuba isikolo eso silinde ama385 abafundi besiNgesi esiluLwimi lwaseKhaya kwiBanga 2 ngoJanuwari ka2027, isikolo eso siya kusilela nge15 leencwadi zokusebenza.

(d) Rekhoda eli nani li15 kwirowu ephantsi kweeNTSALELA phantsi kwesiNgesi esiluLwimi lwaseKhaya kwiBanga 2 kwisikhokelo sokurekhodwa kweencwadi zokusebenza.